



LEAVE
NO ONE
BEHIND

ISIXHOSA

IKHWELO LOKWENZA UMHLABA UBE NGCONO

NELSON

MANDELA

YENZELWE
ABANTU YENZELWE
ISIJIKELEZI LANGA

Le ngqokelela yengcaphulo yamazwi kaNelson Mandela isisikhumbuzo segalelo umntu omnye anokuba nalo kwihlabathi lonke. Aqokelelwe yi-United Nations eMzantsi Afrika isebenzisana ne-Nelson Mandela Foundation, le ncwadana inikezelwa kwigalelo leqhawe elathi lakhuthaza izizukulwana zilwelwe ukuba ihlabathi libe nobulungisa, kubekho ulingwano lize libe nozinzo kwezendalo. Kula maphepha, amazwi kaMadiba angqanyaniswa Neenjongo Zophuhliso Oluzinzileyo, abonelela ngobulumko, ukhuthazo aze ahlabe ikhwelo kuye ngamnye wethu ukuba enze umahluko kwiindawo esihlala kuzo nakwezinye iindawo.



UNITED NATIONS
SOUTH AFRICA



NELSON MANDELA
FOUNDATION

Living the legacy



Iqwe Elingaphambili: ©Nelson Mandela Foundation/Matthew Willman

Iqweqwe elingaphakathi:
Ushwankathelo oluvela kwi-UN Food Garden.
©UN Photo/Rick Bajornas

IZIQULATHI

Umbulelo

4

Inkupho ekhethekileyo yokubhiyozela igalelo lika Nelson Mandela nokubhiyozela unyaka we walishiyayo eli.

Intshayelelo

5

Umyalezo ovela kwi-Nelson Mandela Foundation nakwi-UN Resident Coordinator eMzantsi Afrika.

Amazwi acatshulwe kuNelson Mandela Neenjongo Zophuhliso

6

Ezizinzileyo

UNelson Mandela wakhuthaza izizukulwana ukuba zilwele ihlabathi elinobulungisa, elinokulingana okungakumbi nelinozinzo kwezendalo.

Kula maphepha, amazwi kaNelson Mandela angqanyaniswa Neenjongo Zophuhliso Oluzinzileyo, abonelela ngobulumko, ukhuthazo aze ahlabe ikhwelo kuye ngamnye wethu ukuba enze umahluko kwiindawo esihlala kuzo nakwezinye iindawo.

**NELSON
MANDELA
INTERNATIONAL
DAY**

TAKE ACTION! INSPIRE CHANGE!

**Inkupho ekhethekileyo yokubhiyozela
igalelo likaNelson Mandela nokubhiyozela
unyaka oko walishiyayo eli.**

"RAGE WAS NOT THE ABSENCE OF FEAR,
TRUMPH OVER IT" N MANDELA

CONTINUATION



Iofisi ye-United Nations eseGeneva, ibambe umsitho wokukhumbula
Usuku Lwehlabathi Lonke likaNelson Mandela. Abathathi-nxaxheba
babhala imiyalezo ebudeni bomsitho.
©UN Photo/Jean Marc Ferré

Ilungelo lokuba ngumntu linyathelelwa phantsi yonke imihla kwizigidi zabantu **ngenxa yentlupheko, ukungafumaneki kwezinto ezisiseko** ezifana nokutya, imisebenzi, amanzi nendawo yekhusi, imfundo, unakekelo lwempilo kunye nendawo yokuhlala esempilweni.

Nelson Mandela

INTSHAYELELO

IBoogxa Bam, Zihlobo Nabenzi Botshintsho Endisebenza Nabo Abathandekayo,

Le ncwadana yenzelwe ukubonisa umbulelo kuNelson Rholihlahla Mandela, owayesakuba nguMongameli waseMzantsi Afrika, nowaziwa njengoMadiba, kubulelwa ngenxa yegalelo lakhe elingalibalekiyo lokulwela inkululeko nempilo-ntle yoluntu, ekwenza oko engadinwa. Izama ukuthelekisa ikhwelo lakhe elingalibalekiyo awalihlaba kwiintetho zakhe kunye ne-2030 Agenda for Sustainable Development neeNjongo zayo Zophuhliso Oluzinzileyo (SDGs) ezamkelwa yi-United Nations ngo-2015. Le ncwadana izama ukwenza amanye amazwi akhe aphilile (ngaphambi, ebudeni nasemva kokuvalwa kwakhe ejele iminyaka engama-27) ngokuwadibanisa kunye nee-SDG ezihambelana nawo njengoko sifikelela kwinqanaba eliphakathi naphakathi leenjongo zoluntu nesijikelezi langa ezingekafikelelwa.

UMadiba waba ngumntu wokuqala ukunikwa iwonga lokuba nosuku olubizwa ngayo, xa i-United Nations General Assembly yavakalisa ukuba i-18 Julayi (umhla awazalwa ngawo) lusuku lwe-Nelson Mandela International Day. Njengoko kuphawulwe yi-United Nations, ukukhumbula usuku lokuzalwa likaMandela "lithuba lokuba wonke umntu ahlaziye izinto ezazikhuthaza uNelson Mandela Ukuzimisela ngokupheleleyo. Ukuzibophelela ngokungagungqiyo kubulungisa, amalungelo oluntu kunye neenkululeko ezisiseko. Inkolelo engatshintshiyo yokulingana nokuba kwesidima kwayo yonke indoda namabhinqa.



UNelson Muffuh,
Resident Coordinator
United Nations
eMzantsi Afrika



UVerne Harris, Acting
Chief Executive Officer
kwiNelson Mandela
Foundation

Ukungayeki ukuthetha nokudibanisa zonke iintanda ezibangelwa yiyantlukwano." Umxholo wokukhumbula uSuku lukaMandela kunyaka ophelileyo ubusithi "Imozulu, Ukutya Nomanyano," ububalaselisa iingxaki ezicinezelayo zokutshintsha kwemozulu, uubuhlwempu nokungalingani kwabantu. Isebenzisana neNelson Mandela Foundation, i-UN inenjongo yokuba negalelo elibonakalayo elingazukushiyelela mntu ngasemva ngokuthi inciphise ubuhlwempu, inciphise ukungalingani kwabantu, ngokwenza amathuba omsebenzi nawoshishino, ulawulo olusebenza kakuhle, iindlela zokusebenzisa nokuvelisa izinto ezizinzileyo, ukulungela ukutshintsha kwemozulu nokuzama ukukuthintela, ukulawula inkcitho, ukutshintshela kumandla ombane angayonakalisiyo indalo kunye neenkqubo zokutya ezitshintshileyo.

Njengoko sicinga ngamazwi nezenzo zikaNelson Mandela, ngaphambi nasemva kweNgqungquthela ye-2030 SDG (nge-18 ukuya kwi-19 Septemba ebudeni be-UN General Assembly eNew York), masikhumbule ukuba ngamnye wethu unamandla okwenza utshintsho, njengoko watsho wathi, "ngoku isemandleni akho". Ngokuphila ngamazwi kaMandela nangokungqamanisa imigudu yethu kunye nee-SDG, sinokwenza ihlabathi elizinzileyo, elinobulungisa, elilinganayo nelenza abantu bazive bequkiwe. Masinike imbeko igalelo likaMandela ngokutshintsha amazwi abe ngamanyathelo size sisebenzele ikamva eliqaqambileyo kumntu wonke.

PHELISA UBUHLWEMPU NOKUBA BUNJANI NOKUBA BUPHI



Njengoko babunjalo ubukhoboka nocalucalulo, ubuhlwempu abudalwanga. Benziwe ngumntu kwaye bunokoyiswa [...] **ukuphelisa ubuhlwempu ayisosenzo esibonisa isisa. Sisenzo sobulungisa.**

Nelson Mandela



INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- **Nikela ngento ongayisebenzisiyo.**
Iindawo eziyimibutho yesisa kwindawo okuyo ziza kufumanela amakhaya amatsha iimpahla zakho ezingendalanga kakhulu, iincwadi kunye nefenitshala.
- **Khangela umbutho wesisa ofuna ukuwuxhasa.** Nawuphi na umnikelo, noba mncinane okanye mkhulu ungenza umahluko. Ubuhlwempu bukho kuwo onke amazwe.
- **Ngaphezu kwe-8% yabantu abasemhlabeni wonke bahlwempuzeke kakhulu.** Nikela ngelizwi lakho kumlo nxamnye nobuhlwempu.
- **Xhasa amashishini akwindawo ohlala kuyo.** Ngokukhetha ukuthenga kumashishini akwindawo ohlala kuyo, unokufaka isandla kwezoqoqosho nasekunciphiseni ubuhlwempu.

Indawo engaphuhliswanga eMzantsi
Afrika enamatyotyombe awakhiwe
ngamazinki.
©Lucian Coman



UKUPHELISA INDLALA,
MAKUBEKHO
UKUTYA OKWANELEYO
KUPHUCULWE
UKONDLEKA NOLIMO
OLUZINZILEYO



Ayithethi nto **inkululeko** xa abantu
bengakwazi **ukufumana ukutya**
bokuzondla.

Nelson Mandela



INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Zama ukulima isitiya okanye qalisa igadi yokutya ekhaya, esikolweni okanye ekuhlaleni.
- Sukusafaza ukutya. Zifake kwifriza izinto eziphuma egadini nombeko.
- Umbeko wunike abantu abadingayo nabantu abakwiimeko ezingentlanga.
- Yitya ukutya okusempilweni. Ushishino ngenyama luyichaphazela kakhulu indalo.
- Thenga ukutya kwendawo okuyo nokuvela ngexesha lako.



UKUQINISEKISA UBOMI
OBUSEMPILWENI
NASEKUKHUTHAZENI
IMPILO-NTLE KUBANTU
BAYO YONKE IMINYAKA



Ndisoloko ndikholelwa ukuba ukwenza
umthambo ngundoqo, hayi nje kwimpilo
yomzimba kodwa nakuxolo lwengqondo.

Nelson Mandela

3

GOOD HEALTH
AND WELL-BEING



2

ZERO
HUNGER



8

DECENT WORK
ECONOMIC GROWTH



14

LIFE
BELOW WATER





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Yitya iziqhamo nemifuno uze wenze umthambo rhoqo ukuze uhlale usempilweni.
- Fumana ugonyo kunye nabantwana bakho. Ukukhusela intsapho yakho kwizigulo kunegalelo kwimpilo yoluntu ngokubanzi.
- Nikela negazi lakho uze ukhusele ubomi.
- Zifake kuluhlu lwabantu abanikela ngamalungu omzimba kwilizwe lakho. Qhubeka usenza izinto!
- Zama ukwenza umthambo okanye ubandakanyeke kwezemidlalo ngokuthe rhoqo.
- Khangela umbutho wesisa ofuna ukuwuxhasa. Nokuba kuncinci, kwenza umahluko.

Ukunika Amandla Abantu Basekuhlaleni:
Abafundi base-Kwadukathole Comprehensive School kwiLokisihi
yaseKathlehong, eRhawutini badibene ngeWorld Refugee Day ye-
SDG 3 bebonisa ubunye nezakhono eFreedom Park, eMzantsi
Afrika. ©UN South Africa/Ropafadzo Chiradza

**QINISEKISA UKUZIVA
KWABANTU BEQUKIWE KUNYE
NOMGANGATHO WOKULINGANA
IMFUNDO NOKUKHUTHAZA
UKUFUNDA UBOMI BONKE
AMATHUBA OMNTU WONKE**



Kungenxa yemfundo, intombi yehlwempu iba ngugqirha, unyana womntu osebenza emgodini uba ngumphathi wawo, umntwana womntu osebenza ezifama angaba ngumongameli wesizwe esikhulu. Into eyahlula umntu komnye, yinto esiyenza ngezinto esinazo hayi into esiyinikiweyo.

Nelson Mandela





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Qeqesha abantu abasebatsha. Unokubonelela ngokuncedisa emva kwesikolo nangomsebenzi wasekhaya, ukufundisa ulwimi okanye ngokufundisa izifundo Ngeenjongo Zehlabathi Lonke.
- Tyelela isikolo esikwindawo okuyo uze ubuze ukuba sidinga ntoni. Qalisa iphulo lokubonelela isikolo ngezinto esizidingayo kwindawo ohlala kuyo.
- Ukuba unako, xhasa imfundo yomntwana. Nikela ngeencwadi zakho ezindala.
- Eyona ndlela ilula ngokwenza abantu bafikelele kulwazi kukunikela ngeencwadi zakho komye umntu.

Abantwana besikolo abangamantombazana eYomelela Primary School eKhayelitsha, eyona lokishi inkulu enamatyotyombe eKapa eMzantsi Afrika.
©UN Women/Karin Schermbrucker

UKUFIKELELA KUKULINGANA NGOKWESIINI NOKUNIKA AMANDLA ONKE AMANTOMBAZANA NAMABHINQA



Akunakuthiwa ifikelelwe inkululekode
**amabhinqa abe akhululwe kulo lonke
uhlobo lwengcinezelo.**

Nelson Mandela





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Hlala usazi ngendlela abantu ababajonga ngayo abantu basetyhini. Zazi ezo ndlela, uziphephe uze ufundise abanye ngazo.
- Khangela amabhinqa aziinkokeli/angabaqeqeshi. Qinisekisa ukuba abanye abantu obajonga njengomzekelo okanye njengabaqeqeshi ngamabhinqa.
- Phelisa zonke iintlobo zokucalucalulwa kwamabhinqa namantombazana ngokubaphatha ngokulinganayo bonke abantu nokuba bangabesiphi na isini.
- Yilwa nxamnye nokuxhatshazwa. Nanini na ubona okanye usazi ngokuxhatshazwa kwamabhinqa enoba ooko kwenzeka emsebenzini, esitratweni, ekhaya okanye kwi-intanethi, thetha phandle nxamnye noko.

Amajoni angamabhinqa aseMzantsi Afrika agcina uxolo eDemocratic Republic of Congo abandakanyeke ekuqokeleleni inkcazelo ebalulekileyo nasekwenzeni kubekho unqabiseko njengenxalenye ye-UN Peacekeeping nasekuhambiseleni phambili i-SDG 5: Ukulingana Ngokwesini.

©UN Photo/Michael Ali

UKUQINISEKISA UKUFUMANEKA NOKUZINZA KOLAWULWA LWAMANZI NOKUGTYULO KUMNTU WONKE

6

CLEAN WATER
AND SANITATION



Emhlabeni wonke, amanzi ajongwa
**njengaxabiseke kanye njengoko
ubomi bunjalo.**

Nelson Mandela



INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Gcina amanzi emvula usebenzisa itanki lamanzi.
- Bandakanya bonke abantu basekuhlaleni ukuze kucocwe umlambo, unxweme okanye ulwandle.
- Sasaza ulwazi ngeengxaki zococeko kwindawo ohlala kuyo usebenzisa amaqonga okuncokola okanye ngomlomo.
- Sukuwasebenzisa ngokugqithisileyo amanzi.
- Qinisekisa ukuba uyazivala iimpompo xa uhlamba izitya, uze ungahlali eshawareni xa uhlamba.
- Ukihlambela ebhafini kufuna amanzi amaninzi kunokushawarisha kanangemizuzu emi-5 ukuya kweli-10.
- Khusela imithombo yamanzi ngokunciphisa ungcoliseko nangokuphelisa ukulahlwa kwenkunkuma.

UNelson Muffuh, UN Resident Coordinator eMzantsi Afrika, ukwindawo yokuhlamba amanzi ye-UNICEF ngexesha etyelele isibhedlele saseKanana Field eHamanskraal, eMzantsi Afrika xa bekukho isifo sotyatyazo.
©UN South Africa/Ropafadzo Chiradza



UKUQINISEKISA
UKUFIKELELEKA
KOMBANE,
EKUNOKUTHENJELWA
KUWO, OZINZILEYO
NOWALE MIHLA
KUMNTU WONKE



Nangona ihlabathi lenze inkqubela
kwinkulungwane yamashumi amabini,
**ubomi babantu abaninzi busachatshazelwa
bubuhlwempu, lugonyamelo, yindlala,
zizigulo nokonakala kwendalo.**

Nelson Mandela

7 AFFORDABLE AND
CLEAN ENERGY





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Cima izibane xa ungazisebenzisi – yonga umbane.
- Thenga izinto zombane ezitshajwayo. Sukuzithenga iibhetri okanye uzisebenzise ukuba azitshajwa.
- Sebenzisa ilanga njengomthombo wombane. Faka il-solar panel ekhayeni lakho uze uzisebenzise njengombane naxa ufuna ukwenza shushu.

Isitishi sombane esisebenzisa amaphiko omoya ne-solar kummandla wase-Upper Blinkwater (eMpuma Koloni), yenziwe yi-UNDP ngenkqubo ye-South African Wind Programme

**KHUTHAZA KUYE WONKE
UMNTU UKUBA KUBEKHO
UKUKHULA
KWEZOQOQOSHO
OKUZINZILEYO, OKUQUKA
WONKE UMNTU,
INGQESHO EPHELELEYO
NOMSEBENZI ONESIDIMA**

8 DECENT WORK AND
ECONOMIC GROWTH



**Kusemandleni akho ukuba wenze ihlabathi
elingcono kuye wonke umntu ophila kulo.**

Nelson Mandela



INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Wazi amalungelo akho emsebenzini. Ukuze ufumane ubulungisa, ukwazi into omele uyifumane kuza kudlala indima enkulu.
- Thenga kubantu abavelisa izinto kwindawo yakho. Xhasa ukukhula koqoqosho lwendawo yakho ngokukhetha ukuthenga kumashishini neendawo ezivelisa iimveliso ekuhlaleni.
- Ququzelela inkqubo yokuqeqesha. Mema abantu abanamava kwiindawo ezithile ukuze wenze iqela labaqeqeshi eliza kunceda abantu abasebatsha bakulungele ngcono ukungena emisebenzini yabo yexesha elizayo.



YAKHA IZINTO EZIHLALA IXESHA ELIDE, KHUTHAZA USHISHINO OLUBANDAKANYAYO NOLUZINZILEY OUZE WAKHE UKUPHUCULWA KWEZINTO

9 INDUSTRY, INNOVATION
AND INFRASTRUCTURE



Sidinga uncedo **lokwakha izinto** <ukuze
ilizwekazi laseAfrika likwazi ukuzuza kumathuba
orhwebo lize linikwe ithuba elilinganayo
lokurherba kuqoqosho lomhlaba wonke.

Nelson Mandela





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Tyala imali kwizinto zolwakhiwo ezicocekileyo nezihlalayo. Yiyo kuphela indlela yokugcina abasebenzi neyokukhusela indalo.
- Ququzela okanye thatha inxaxheba kukhuphiswano lwamaQela Axoxa ngezicombululo. Unokwakha umoya wokuba ngusomashishini kuwe nakoogxa bakho ngokuququzelela ukhuphiswano lwento yasekhulaleni uze umeme iinkampani okanye amashishini asanda kuqala ukuba aqeqeshe abo baphumeleleyo.
- Yenza iindawo ezine-intanethi. Kukho indawo ezahlukeneyo ezisetyenziswa luluntu jikelele ezine-iWi-Fi esimahla. Ngokwenza imaphu yazo kwingingqi yakho uze usasaze ulwazi usebenzisa amaqonga okuncokola, amaphetshana okanye izaziso, unokunceda abantu abangakumbi bakwazi ukufikelela kwi-intanethi uze uncede kuvalwe umsantsa wabangakwaziyo ukufikelela kuyo.

NCIPHISA UKUNGALINGANI NGAPHAKATHI KUMAZWE NAKUMAZWE AWOHLUKAHLUKENEYO



Akukho namnye kuthi onokuphumla
ukuba nje kusekho ubuhlwempu,
ukungabikho kobulungisa nokungalingani
okumandla **kwabantu kweli hlabathi**
siphila kulo.

Nelson Mandela





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO

- Tyelela iindawo zekhusi ekuhlaleni, iindawo zeenkedama okanye amaziko abantu abacinezela kuba bembalwa uze uququzelele indawo yokuxoxa ngokubaluleka kwala malungelo okanye yiba litshantliziyo apho rhoqo.
- Khetha iinkampani ezenza abantu bazive bequkiwe. Jonga uluhlu lweenkampani ezenza abantu abambalwa bazive bequkiwe ngokujonga ingqesho kwezo ndawo okanye iimveliso zabo.
- Xhasa iimbacu nabantu abafikayo kwindawo ohlala kuyo. Yiba litshantliziyo kwinkampu yeembacu ekwindawo ohlala kuyo. Qokelela okanye nikela ngezinto zombane, ukutya nempahla efunekayo.

UKWENZA IZIXEKO NEENDAWO EZIHLALA ABANTU ZIBE ZIINDAWO EZENZA ABANTU BAZIVE BEQUKIWE, BEKHUSELEKILE, IINDAWO EZIQINILEYO NEZIZINZILEYO



**Ukuxhalaba kakhulu ngabanye njengoko
siphila ubomi bethu nasekuhlaleni
kunganceda kakhulu ekwenzeni ihlabathi
libe yindawo engcono esiphupha ngayo.**

Nelson Mandela

11 SUSTAINABLE CITIES
AND COMMUNITIES





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Thenga, yitya uze usele izinto zasekuhlaleni.
- Ukuxhasa amashishini asebumelwaneni kwenza abantu bahlale beqeshiwe ibe imali ayiphumi ibuyela kwindawo yakho. Sebenzisa ilungelo lakho lokunyula iinkokeli kwindawo okuyo.
- Thenga, yitya uze usele izinto zasekuhlaleni. Ukuxhasa amashishini asebumelwaneni kwenza abantu bahlale beqeshiwe ibe imali ayiphumi ibuyela kwindawo yakho. Sebenzisa ilungelo lakho lokunyula iinkokeli kwindawo okuyo.

Ukunika Amandla Abantu Basekuhlaleni:

Izakhiwo ezinde ezintle ezibonisa uphuhliso lwesixeko oluzinzileyo, oluqinileyo olwenza abantu bazive bequkiwe, kwaye bekhuselekile ngakwi-Zakhiwo Zomdibaniso, ePitoli, eMzantsi Afrika. ©UN South Africa Photo/Nombulelo Malinga

Ezantsi:

I-UN South Africa ityelela iLokishi yaseMamelodi ePitoli ukuze ihlolo umonakalo ekuhlaleni ize ibonelele ngezinto zokunceda abantu abahlelwe yintlekele yezikhukhula. ©UN South Africa Photo/Eunice Namugwe

QINISEKISA UKUSETYENZISWA NOKUVELISWA KWEZINTO NGENDLELA EZINZILEYO



Ikamva loluntu elizinzileyo lixhomekeke
kwintsebenziswano yenkathalo kunye nemvelo
ngaphezu kwayo nayiphi na enye into.

Nelson Mandela





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- **Khetha iimveliso ezinokuphinda zisetyenziswe. Ukuze unciphise ungcoliseko ngezinto zeplastikhi, sebenzisa ibhegi engonakalisi indalo xa usiya ezivenkileni, ibhotile yamanzi enokuphinda isetyenziswe okanye ikomityi.**
- **Qaphela ukufaka izinto eplastikhini – xa zingeninzanga, kubhetele!**
- **Yenza uphando uze uthenge kwiinkampani ozaziyo ukuba zisebenza ngendlela ebangela uzinzo kwindalo kwaye zibe zingayonakalisi indalo.**
- **Nanini na unako, thenga izinto ebezikhe zasetyenziswa.**

THATHA AMANYATHELO ANGXAMISEKILEYO UKULWA NOTSHINTSHO LWEMOZULU KUNYE NEGALELO LALO



**Njengoluntu oluhlala kwesi sijikelezi
langa, masibambane ukuze seneze
ihlabathi lethu libe ngumthombo
ozinzileyo wehlabathi lethu.**

Nelson Mandela





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Amaphepha, iiglassi, iplastikhi, iintsimbi nezinto zombane ezindala zenze i-recycling.
- Thenga iimveliso ezingayonakalisiyo indalo. Funda into efakwe kuyo imveliso ukuze ubone enoba yenziwe ngendlela engayonakalisiyo indalo.
- Sebenzisa ibhayisekili, hamba ngeenyawo okanye uthathe uthutho loluntu lonke. Hamva ngemoto xa nihamba niliqela elikhulu.
- Nciphisa ikhabhoni oyikhuphayo.———
Unokubala ikhabhoni oyisebenzisayo uze uthenge izinto zokuzama ukuyinciphisa kwa Climate Neutral Ngoku.

Umsebenzi weProjekthi ye-NFI uhlola
ihlathi aze athathe iisampuli zemobavane
ukuze kuliwe utshintsho lwemozulu.
©UN-REDD


YONGA UZE USEBENZISE NGENDLELA EZINZILEYO ULWANDLE KUNYE NEZINTO ZASELWANDLE UKWENZELA UPHUHLISO OLUZINZILEYO



Ubutyebi obukwiilwandle buyinxalenye yelifa loluntu [...] xa kungekho gunya lolawulo okanye umthetho onokunyanzeliswa, iingxaki ezijonge ulwandle ziyasichaphazella ngenxa yezinto ezifana nokulahlwa kwezinto eziyityhefu okanye ukuloba ngokugqithiseleyo okanye ulwaphulo mthetho lwamazwe ngamazwe njengokuthutyeleziwa kweziyobisi. **Iinzame zokuseka inkqubo yezomthetho esebenzayo kwiilwandle azime ziwe phantsi.**

Nelson Mandela

14 LIFE
BELOW WATER





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- **Nciphisa inkcitho – izinto ezininzi ezilahlwayo esizivelisayo ziphelela elwandle.**
- **Yeka ukusebenzisa iibhegi zeplastikhi. Ukusetyenziswa nokulahlwa ngendlela engafanelekanga kweplastikhi ngunobangela omkhulu wongcoliseko kweelwandle.**
- **Bandakanya bonke abantu basekuhlaleni ukuze kucocwe umlambo, unxweme okanye ulwandle.**

Izinto zeplastikhi ezilahlwe elwandle
ezibangela ukungcola kwamanzi.
©UNEP

UKUKHUSELWA KUZE KUBUYISELWE
KWAYE KUKHUTHAZWE UKUSETYENZISWA
NGOKUZINZILEYO
KWEENKQUBO ZENDALO EZIFUMANEKA
KWIINDAWO EZITHILE, UKULAWULA
NGOKUZINZILEYO AMAHLATHI, UKULWA
NOKUJIKA KWEENDAWO ZIBE YINTLANGO,
KUZE KUPHELISWE KWAYE KUJIKWE
UKONAKALA KOMHLABA NEZITYALO
EZAHLUKAHLUKENEYO



Isizathu sokuba **imithi namahlathi itshatyalaliswe**
kukuba abantu bakuthi **babexhomekeke kakhulu**
kuwo ukuze babase baze benze kube shushu.

Ngenxa yoko, abantu namhlanje badinga iindlela
zokwenza kubeshushu, iindlela zokupheka, ukucoca
nokuphila kamnandi ngenxa yokuba amahlathi
atshatyalaliswa.

Nelson Mandela



INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Sukusebenzisa ityhefu yezityalo. Ukuze ukhusele uze ugcine umhlaba usemgangathweni, sukusebenzisa amachiza xa ulima.
- Ukwenza umgquba ngokutya okushiyekeleyo kunokunciphisa igalelo kutshintsho lwemozulu ngoxa umhlaba usebenzisa iinyutriyenti.
- Sukusebenzisa iimveliso ezivavanywe kwizilwanyana.
- Ukwenza umgquba ngokutya okushiyekeleyo kunokunciphisa igalelo kutshintsho lwemozulu ngoxa umhlaba usebenzisa iinyutriyenti. Sukusebenzisa iimveliso ezivavanywe kwizilwanyana.

I-UNIC Pretoria isenza Inkqubo Yokufundisa ngokuzinza kwendalo kunye nabafundi bePhondo laseLimpopo, eMzantsi Afrika.
©UNIC Pretoria/2019/Scotch Mabhena



**UKUKHUTHAZA ULUNTU
OLUNOXOLO NOLWENZA ABANYE
BAZIVE BEQUKIWE KUNYE
NOKUBONELELA NGOKUFIKELELA
KUBULUNGISA KUMNTU WONKE
KUZE KWAKHIWE AMAZIKO
ABANDAKANYA ABANTU KUWO
ONKE AMANQANABA**



Uxolo aluthethi kuthi akukho ngquzulwano; uxolo kukwenziwa kwendawo apho wonke umntu anokonwaba kuyo, nokuba linjani ibala, uhlanga okanye izithethe, unqulo, isini, ubomi abuphilayo okanye ezinye izinto ezenza umntu ahluke kwabanye abantu.

Nelson Mandela

16 PEACE, JUSTICE
AND STRONG
INSTITUTIONS





INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- **Vota! Sebenzisa ilungelo lakho lokunyula iinkokeli kwilizwe ohlala kulo nakwindawo ohlala kuyo.**
- **Wazi amalungelo akho emsebenzini. Ukuze ufumane ubulungisa, ukwazi into omele uyifumane kuza kudlala indima enkulu.**
- **Thetha Phandle! Cela amagunya asekuhlaleni nakazwelonke enze amaphulu angonzakalisi bantu okanye isijikelezi langa.**

UMongameli Nelson Mandela osanda kunyulwa, enikela intetho yakhe yokuqala kwiveranda yeholo yeSixeko. ©UN Photo/Chris Sattlberger

ZOKUPHUNYEZWA UZE UVUSELELE INTSEBENZISWANO YAMAZWE NGAMAZWE EYENZZELWE UPHUHLISO OLUZINZILEYO

17 PARTNERSHIPS
FOR THE GOALS



Kulula ukuchitha nokutshabalalisa
izinto. **Amaqhawe** ngabo **benza uxolo**.

Nelson Mandela



INDLELA YOKUDLALA INDIMA YAKHO:

- Tyala imali kumashishini aqalayo, kumashishini amancinci naphakathi ngobukhulu, kwiinkampani ezibambebele kwimilinganiselo yoqoqosho oluphezulu, intlalo ephezulu nolawulo oluphezulu (ESG).
- Thenga iimveliso zamazwe ahlumayo ngaloo ndlela uxhase ukuthunyelwa kwezinto kwamanye amazwe. Nikela ingqalelo kwileyibhile ethi Fair-Trade kwiimveliso, loo nto inceda ubone iimveliso ezivela kubavelisi abahlumayo kumazwe akhasayo.
- Xhasa imibutho okanye iiprojekthi ezisebenzela ekubeni zisebenzisane zwenibanzi nabanye, njengezo ziququzelela intsebenziswano yabantu abahlala kumazwe awohlukeneyo, ukwabelana ngolwazi okanye ezikhuthazo utshintshwano lweteknoloji.
- Gaya inkxaso yokuba amazwe akhasayo afumane iteknoloji eyaneleyo, izakhono ezaneleyo, utyalo mali kunye nenkxaso yezimali eyenzelwe ungenelelo lophuhliso oluzinzileyo.
- Sebenza okanye yiba litshantliziyo kwii-NGO ezisebenzela linjongo Zehlabathi Lonke. Ukuze kufikelelwe kwezi Njongo ngo-2030, unokufaka isandla ngeeprojekthi ezahlukehlukeneyo.

USosiba Jikelele uAntónio Guterres dunikela i-Nelson Mandela Annual Lecture ngo-2020.
©Nelson Mandela Foundation





Iqweqwe eliphakathi ngasemva: H.E Matamela Cyril Ramaphosa (ekhohlo), uMongameli weRiphabliki yoMzantsi Afrika, uhleka kunye noMaría Fernanda Espinosa Garcés (osekhohlo ukusuka ekunene), uMongameli weseshoni yamashumi asixhenxe anesithathu yeGeneral Assembly, uSosiba Jikelele uAntónio Guterres (owesibini ukusuka ekunene), noSekela Sosiba Jikelele uAmina Mohammed, emva kotyhilo lwelitye lesikhumbuzo likaNelson Mandela kwikomkhulu le-UN eNew York. ©UN Photo

Iqweqwe elingasemva: UNelson Mandela. uMongameli weRiphabliki yoMzantsi Afrika enikela intetho kwiseshoni yamashumi amahlanu anesithathu ye-General Assembly.
©UN Photo/Greg Kinch



Ipapashwe ngu:

United Nations in South Africa | 2023

Iphandwe yaza yadizayinwa:


United Nations Information Centre (UNIC),
Pretoria.

QHAGAMSHELANA NATHI:

United Nations South Africa,
UN House, Metro Park Building,
351 Francis Baard Street, Pretoria, South Africa
Telephone: +27 12 354 8504
Email: unic-pretoria@un.org

Silandele:

Facebook: @UNinSouthAfrica
Twitter: @UNinSouthAfrica
Instagram: @UNinSouthAfrica
Website: <https://southafrica.un.org/>



**Sukujonga ecaleni; sukulibazisa.
Yinqonde ukuba ihlabathi lilindele
kuthathwe amanyathelo, hayi amazwi.
Yenza ngesibindi nombono.**

Nelson Mandela

